



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

AMANQAKU

**IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE 2013
IBANGA 3 ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
UVAVANYO**

AMANQAKU: 40

IXESHA: 1 IYURE

IPHONDO _____

UMMANDLA _____

ISITHILI _____

IGAMA LESIKOLO _____

INOMBOLO YE EMIS (9 iidijithi)

--	--	--	--	--	--	--	--	--

IBANGA (Umz. 3A) _____

IFANI _____

IGAMA _____

ISINI (✓)

INKWENKWE	
------------------	--

INTOMBАЗANA	
--------------------	--

UMHLA WOKUZALWA

C	C	Y	Y	M	M	D	D
---	---	---	---	---	---	---	---

Olu vavanyo lunamaphepha ali-12, ngaphandle koqweqwe.

I miyalelo kubafundi

1. Funda yonke imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
2. Phendula yonke imibuzo kwizithuba ozinikiweyo kweli phepha.
3. Utitshala uza kukuncedisa ngemizekelo yokuziqhelisa phambi kokuba uqalise ukubhala uvavanyo.
4. Uvavanyo lunamanqaku angama-40.
5. Uvavanyo luyimizuzu engama-60.

I mizekelo yokuziqhelisa

1. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Sifumana ntoni enkomeni? Ezinkomeni sifumana ...

A isonka.

B ubisi.

C ij em.

D iti.

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubiyele u B.

2. Biyela izenzi.

Yena **uyahamba**, kodwa yona **iyabaleka**.

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubiyele amagama u-uyahamba no-iyabaleka.

3 Faka uphawu u (**x**) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ilanga lisinika u ...

manzi	
kutya	
kukhanya	x
moya	

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ufake uphawu u (**x**) phakathi ebhokisini esecaleni kwegama u-kukhanya.

4. Ezi zivakalisi zilandelayo zisixeleta ngendlela yokuhlamba amazinyo.

Nombola izivakalisi 1-4 ezikwibhokisi ukubonisa indlela ohlamba ngayo amazinyo akho.

Manzisa ibhrashi	1
Pula umlomo wakho.	4
Xukuxa amazinyo.	3
Uze ubeke intlama yamazinyo kwibhrashi.	2

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ulandeelanise amanani nj engoko kubonakaliswe ngasentla.

Kuvavanyo lwakho uza kuperhendula eminye imibuzo efana nale ugqiba kuyiphendula.

Uvavanyo luqala kwiphepha ellandelayo.

Funda eli bali uze uphendule imibuzo 1-6.

UMnu. noNkskz. Sontonga babenomntwana oyinkwenkwe ababenebhongo ngaye. Igama lakhe lalinguEnoch, isiduko sakhe inguMpinga, kwaye babengamaXhosa.

Wafunda wade waba ngutitshala ogqwesileyo. Wayewuthanda umculo, ethanda ukufundisa nabantwana. Wayesoloko esima emnyango wegumbi lakhe lokufundisa abukele abantwana bedlala, becula futhi bedanisa phandle. Ukubukela kwakhe abantwana, kumenze waba nomnqweno wokuba ngenye imini bonke abantwana boMzantsi Afrika bangadlala bahlale kunye babe ngabahlobo.

UEnoch wabhala amaculo amaninzi kodwa awayewathanda kakhulu ngalawo wayewabhalela abantwana ukuba bawacule. Onke amaculo akhe ayengothando noxolo.

Ngenye imini, uEnoch wabhala iculo eladuma kakhulu. Amagama okuqala eli culo athi, "Nkosi Sikele' iAfrika." UEnoch wayesoloko ethandaza, ecelela ukuba abantwana baseMzantsi Afrika basikeleleke.

Imbongi eyaziwayo yamaXhosa uSamuel E. K. Mqhayi, wongeza ezinye iivesi kweli culo, latsho laba ngulo mhobe uculwa nanamhlanj e. Bonke abantu boMzantsi Afrika bayaziqhenya ngawo.

Ewe, lo mhobe owaqala nj engomthandazo weAfrika" ngoku unguMhobe weSizwe othandwayo.

1. Nika isihloko esifanele eli bali.
-

2. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Ngubani igama lomntu ongumbhalı wamaculo ekuthethwa ngaye
ebalini?

A Sandile

B Mbhele

C Xhasa

D Enoch

3. Faka uphawu u (x) ebhokisini esecaleni kwempendulo echanekileyo.

UEnoch wayehlala ekwasebenza phi?

Mzantsi Melika	
Mzantsi Afrika	
Ostreliya.	
Eyishiya.	

4. Landeleanisa iziganeko ngokwasebalini.

Phawula izivakalisi ngamanani 1-4 ngokwenzeka kweziganeko kwibhokisi
echanekileyo.

UEnoch waba ngutitshala ogqwesileyo.	
Umthandazo kaEnoch waba nguMhobe weSizwe.	
Imbongi yamaXhosa eyaziwayo yonjeza ezinye iivesi kweli culo.	
UEnoch wabhala amaculo angothando noxolo.	

5. UNkosi Sikelel' iAfrika nguMhobe wethu weSizwe. Yintoni eyenza ukuba uEnoch abhale eli culo?

UEnoch wabhala uNkosi Sikelel' iAfrika kuba

.....

.....

.....

6. Ucinga ukuba kwakutheni ukuze adume u-Enoch.

UEnoch waduma kuba

.....

.....

.....

7. Jonga kulo mfane kiso uze uphendule imibuzo 7.1 no 7.2



7.1 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Lenzani ihashe? I hashe ...

- A liphala phezu kwentaba.
- B lime estalini.
- C litya ingca edlelweni.
- D lisela ubisi.

7.2 Faka uphawu (**x**) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.

Lo mfanekiso ukwiphepha lesi-6 ngo...

womyezo wezilwanyana.	
womzi wogcino lweentlanzi.	
wefama.	
womzi wogcino lwezilwanyana (wezu).	

8. Bhala kwakhona ezi zivakalisi zilandelayo ngokwamaxeshya owanikiweyo.

8.1 Ixesha elidlulileyo

Umfama upha imivundla ukutya, ngelixa abantwana bebukele.

.....
.....
.....

8.2 Ixesha langoku

Ihagu yazibhuqa eludakeni ngelixa amahashe ayephala ethafeni.

.....
.....
.....

9. Funda:

9.1 I sibizo ligama lento. Biyela izibizo ezibini kwesi sivakalisi singezantsi.

Inj a ij iwula umsila wayo.


9.2 I simelabizo ligama elimele isibizo. Biyela izimelabizo ezibini kwesi sivakalisi silandelayo.

Umfama nenkosikazi yakhe bona bayazithanda zona izilwanyana ezikwifama yabo.

9.3 I sihlanganisi ligama elidibanisa izivakalisi ezibini. Biyela isihlanganisi kwisivakalisi ngasinye.

- I ihagu zatya ukutya kwazo, emva koko zaya kulala.
- I sikhukukazi siyalilisela, kodwa izinj a ziyakhonkotha.

10. Jonga le mifanekiso uze ugqibezele izivakalisi.

10.1 Kufuneka ndigobe i xa nditsiba.

10.2 Kukho abafundi aba kwiqela lomculo.

10.3 Sicula iculo ngee eziziimfama.

11 Bhala kwakhona ezi zivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala kwisivakalisi ngasinye.

11.1 kukho izilwanyana ezininzi kwifama kamalume

.....
.....

11.2 Zingaphi iigusha iimazi zeenkomu namahashe akule fama

.....
.....

11.3 Lumkela inyoka Wakhwaza umfama.

.....
.....

12. Fakela izenzi ezichanekileyo kwizithuba ozinikiweyo.

Sithi:

12.1 Amafama alima imifuno egadini.

kodwa

Umfama.....imifuno egadini.

12.2 Umqhagi uyakhonya ehokweni.

kodwa

I miqhagi.....ehokweni.

13. Funda le theyibhile ilandelayo uze uphendule imibuzo 13.1 -13.3.

Itshati yemisebenzi yefama		
Igama	UMvulo noLwesithathu	ULwesibini noLwesine
Mpho	Upha iihagu ukutya.	Ucoca ihoko yeehagu.
Sibongile	Ucoca isitali.	Ubhrasha amahashe.
Phumlani	Upha amahashe neenkukhu ukutya	Uqokelela amaqanda. Ubhrasha amahashe.
Vuyani	Ususa ukhula egadini.	Unkcenkceshela imifuno egadini.
Sandile	Ukha imifuno.	Upha iihagu neenkuku ukutya.

- 13.1 UMpho upha iihagu ukutya ngoMvulo.

Ngubani omnye opha iihagu ukutya.

.....

.....

- 13.2 UVuyani noSandile bobabini basebenza egadini.

Wenzani uVuyani ngoLwesithathu?

.....

- 13.3 USibongile ubrasha amahashe ngoLwesibini nangoLwesine. Zeziphi
iintsuku apho acoca ngazo isitali?
-

14. Funda le grafu uze uphendule imibuzo 14.1 no 14.2.

Inani lezilwanyana	8				
	7				
	6				
	5				
	4				
	3				
	2				
	1				
		amahashe	iihagu	iinkuku	iigusha

14.1 Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Thelekisa inani lezilwanyana ezisefama. Zeziphi izilwanyana ezininzi?

- A iinkuku
- B amahashe
- C iigusha
- D iihagu

- 14.2 Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.
Zininzi kangakanani iinkuku kuneehagu efama?
- A 8
B 5
C 4
D 3
- 15 Bhala imihlathi **emibini** ubuncinane ibe zizivakalisi ezili-**10** zizonke. Bhala ngesihloko esithi, **Ukutyelela efama**. Qiniseka ukuba usebenzisa iziphumlisi, igramma kwakunye nopelo oluchanekileyo. Ungazinomboli izivakalisi.

Ukutyelela efama

Amanqaku ewonke: 40